UMTHENDELEKO

Ngumyalezo oshukumisayo lo siwunikwe nguMzalwana uPearry ngokuya uphuma eLizwini likaThixo. Yinyaniso enjani ukuba "Siyamnqamlela uThixo simbekele ixesha uThixo; Abe Engenasiphelo, asinakuyenza loo nto." Ngoko ngokuhlwanje sijongene nenye into ngoku, engumthendeleko.

2 Ndilinde iminyaka emininzi ukuba ibandla libekho eTucson, kodwa lilapha. Ewe, si—silapha. Ngoko sibulela iNkosi, Yenza nje ukuba silinde de sibe nokulivuyela ngoku.

3 Ngoku, kukho into endifuna ukuyithetha phambi kokuba siqalise umthendeleko, eyile, ukuba ndiyakholwa ukuba sibone okwaneleyo kumhla wethu esiphila kuwo, ukuba besifanele ngenene sinikele (konke) konke esikuko kuThixo. Si—sifanele ukumkhonza ngenene uThixo. Ndiyakholwa ukuba Usisikelele ngempendulo ethe gca eSibhalweni. Njengokuba uMzalwana uPearry esinikile kwimizuzwana embalwa edlulileyo, ukuze si—sikweloo xesha. Asimfamekanga, si—si—siyabona ukuba silapha, si—sifikile.

4 Kube sinako nokuphunguza sibone indlela ingqondo yobuntu ebashiya ngayo abantu. Ukuze, si—si asinakuhlala xesha lide, singasendimangeni ngokupheleleyo, lingalapho lonke ihlabathi. Yabona? Ngoko si—sisekupheleni kwexesha.

5 Ngoku njengokuba uMzalwana uPearry egqibele phaya, sizibona nje ezi zinto ukuba ziyinyaniso, sibone ukuba ziyinyaniso na, aziyontsomi. Aziyonto nje esiyiqikelelayo, ziyinto esiyinikwe ngqo liLizwi likaThixo yabonakaliswa phambi kwethu, ukuze sazi ukuba silapha. Asi—asazi ngoku ukuba iyakuba lithuba elingakanani na, ngokuba kwakhona sibuyela ewotshini, uyabona, kuxesha nini. Kodwa si . . . siyazi si—silapha, sikweloo xesha. Nokuba lixesha likaThixo, bendinokuqikelela . . .

6 Othile wakha wanika ingcaciswana ngaxesha lithile ethi ukuba uThixo wayebekelene naye . . . ukuba Wayeza kumisa ixesha, iwaka—iwaka leminyaka yimini nje enye. Ngoko ukuba umntu uphila amashumi asixhenxe eminyaka ubudala, ibiyakuba yimizuzu nje elishumi ngexesha likaThixo. Yabona? Ngoko, kusithiwa ngamashumi amane eminyaka, oko akunakuthetha naxesha, lokuba nje Aqhwanyaze iliso laKhe. Yabona? Yabona, yindlela elikhawuleza ngayo, yonke into, ukuba—ukuba ibinokubekelwa ixesha; xesha elo, Angenalo kwaxesha. Ngoko Ungunaphakade nje.

7 Ndiyakholwa ukuba yayinguSarah ngokuya, okanye le ntwana uJoseph ngobunye ubusuku, owathi kum noMzalwana uPearry, wathi, "Tata, wayevela phi, wabakho nini uThixo?

Wayevela phi?" Yabona? "Kufanele ukuba Abe nesiqalo, Akanaso? Akuzange kufuneke Aqale?"

8 Ndathi, "Hayi. Nantoni na enesiqalo inesiphelo, kodwa koko kungenasiqalo okungenasiphelo." Kodwa, kakade, uneminyaka elishumi ubudala, yabangu—ngumthamo ozalise umlomo lowo kuye. Yabona? Wayenokukwamkela njani, esazi nje into engazange ibe nasiqalo? Akukuye yedwa, injalo nakum. Yabona? Kuthi sonke, uyabona, i—isisixa esikhulu nakum, ukuba yaqala kanjani na.

9 Ngoku silungiselela ukugcina into apha engcwele kunene.

10 Ndikhe ndabizwa kwiintsukwana ezimbalwa ezidlulileyo, ndibizelwa kwinene elinguMkristu olunge kunenne o—ongazange akwenze oku, eqonda ke ukuba siyawutya umthendeleko ngokwenene. Bona bawuthatha into abathi ukuyibiza "ngumthendeleko wokomoya." Ntoleyo, ngokubhekiselele kwi-*communion umthendeleko*, bendonokuthi ilungile, kuba *ubudlelane communicate* "kukuthethana," yabona. Waze lo mzalwana wandinika esi Sibhalo, wathi, "Mzalwan'uBranham, awucingi ukuba ngoku . . . "

11 Ngoku isizathu sokuba ndithethe oku . . . kulungile Mzalwan'uPearry? [UMzalwana uPearry Green uyaphendula, "Ngokuqinisekileyo."—Mhl.] Yabona, isizathu sokuba ndithethe le nto, kukuze ube nokuyiqonda into oyenzayo. Awuze . . . ukuba ungena nakuyiphi na into ngobumfama, awazi apho, into oyenzayo. Awunakuba nalo nathemba ukuba awuyazi into oyenzayo. Kodwa kufuneka uyiqonde into oyenzayo nokuba uyenzela ntoni na.

12 Wathi, "Ngoku ukuba sidla iLizwi likaThixo, asingoThixo lowo simdlayo?"

13 Ndathi, "Kunjalo kanye, mhlekazi, yinyaniso. Kodwa sifunda apha ukuba okwenzekayo . . . uPawulosi wafundisa ukudliwa kwesidlo sangokuhlwa seNkosi buqu. 'Oku kwenzeleni ukuNdikhumbula,' watsho uYesu. 'Ngamaxesha onke enisukuba nisidla yenzelani ukuNdikhumbula, nibonisa ukufa kweNkosi Ide Ifike.'" Yabona? Ngoku simelwe kukusidla.

14 Siyaqonda ukuba uPawulosi oNgcwele, owakumiselayo oku eBandleni, engumprofethi weTestamente eNtsha, uPetros, uYakobi, uYohane, bonke abo, babhala (ngoba, uMateyu uMarko, uLuka) izinto ezenziwa nguYesu, njengababhali. Kodwa uPawulosi wayilungelelanisa loo nto, wayengu—wayengumprofethi weTestamente eNtsha. Kanye njengokuba uMoses waya entlango ukuya kwamkela impefumlelo yokubhala ii—iiNcwadi ezintlanu ze—ze . . . iiNcwadi zokuqala ezintlanu zeBhayibhile, ngoko, uPawulosi naye waya entlango wayakwamkela impefumlelo evela kuThixo, ukuze

alungelelanise iBandla leTestamente eNtsha alizekelise ngeNdala.

15 Phaya emva babenemvana yedini, eyayigcinwe njengesikhumbuzo nguSirayeli. Yakhe yasetyenziswa phofu ngaxesha lithile ekuphumeni eYiphutha. Kodwa ke bayigcina yaba sisikhumbuzo oko kweso sigaba. Ngoko, "ukuba umthetho usisithunzi sezinto eziza kubakho nje," uyabona.

16 Ngoku, ndiyakholwa ukuba *umthendeleko* (le nto sithi ukuyibiza "ngumthendeleko," ngoku) kuku . . . isisi "sisidlo sangokuhlwa seNkosi."

17 Ngoku, sinemiyalelo yezinto ezintathu kuphela ezibambekayo eziNgcwele esishiywe nazo: enye kuzo—ngumthendeleko; kukuhlanjwa kweenyawo; lubhaptizo lwamanzi. Zezo zinto zintathu kuphela. Yingqibelelo leyo, yeso sithathu, yabona. Yaye yiloo miyalelo mithathu kuphela ke esinayo. Siyayiqonda ngoko ukuba yiloo nto eyanikelwa nguPawulosi oNgcwele kwiTestamente eNtsha.

18 Ngoku, ukuba sinokuthi "umthendeleko mawube kukudla nje iLizwi," andiqondi ukuba nabani na unalo ilungelo lokudla isidlo sangokuhlwa seNkosi de abe selithabathile i—iLizwi leNkosi walifaka entliziyweni yakhe. Yabona? Ngokuba ndiza . . . ndizakunifundela into imizuzwana embalwa yaye nizakubona. Ngoku, qaphelani. Ngoko, kutheni ngoko ukuba si—ukuba si . . .

19 Kwaphezu koloo luvo lunye besinokuwuthethelela uMkhosi woSindiso. Abakholelwa nakuluphi na uhlobo lobhaptizo lwamanzi, bathi, "Alufuneki nganto kuthi." Ngoku, ukuba aluyomfuneko kuthi ubhaptizo lwamanzi, sibhaptizelwa ntoni? Bathi, "Amanzi akanakukusindisa, liGazi elikusindisayo."

20 Ndizakuvumelana noko. Ku—kunjalo, liGazi elikusindisayo, hayi amanzi. Kodwa *kufuneka* sithathe amanzi njengoluvo lwangaphandle lokuba umsebenzi wangaphakathi wobabalo sowenziwe. Yabona? Kufuneka senze njalo nakuwo umthendeleko!

21 Sakuba siyithabathile iNkosi, iDini lethu, salingenisa kuthi, njengemeko yokuZalwa komoya kuthi, noMzimba waYo, siphila ngaYo ngeLizwi, kuyafuneka kananjalo ukuba sikuzekelise ngokuba ngumyalelo. "Guqukani, nonke ngabanye nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu."

22 UPawulosi wathi, "Ndakwamkela kuyo iNkosi oko ndikunikelayo nokukunikela kuni, 'Ukuba iNkosi uYesu kwangabo ubusuku Eyanikelwa ngabo yathabatha isonka, yasiqhekeza yanika abafundi, yaze—yaze yathi, "Thabathani nidle, oku kwenzeleni ukuNdikhumbula." Kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla esi sonka, niyakwazisa ukufa kweNkosi ide Ifike.'" Ngoko sifumanisa ukuba, koko, babenabantu abeza ba . . .

23 Lo mzalwana uyintanda, umzalwana othandeka kunene, weza wathi, "Andizange—andizange ndiwudle, Mzalwan'uBranham, andiwuqondi ukuba uyintoni na." Wathi, "ndifundiswe ngolunye uhlobo."

24 Ndathi, "Kodwa khumbula, siyakukwamkela ukuba uPawulosi oNgcwele wakumisa oku ngendlela kwiBandla lakudala laMakristu. Babengena kwinkonzo . . . bengena kwindlu nendlu, beqhekeza isonka benobunye bentliziyo, nokunjalo. Ngoku," ndathi, "wakubeka eBandleni. KuMagalati 1:8, wathi, 'Ukuba ingelosi evela ezulwini ifika ithethe nantoni na eyenye, mayiqalekiswe,' uyabona, yabona, kwayena lo wenza ukuba baphinde babhaptizwe kwakhona phezu kolwaa bhaptizo lukaYohane, ukuba babhaptizwe eGameni likaYesu Kristu."

25 Uyabona, zintathu izinto ekufuneka si—zintathu izinto ekufuneka sizenze njengemizekelo: isidlo sangokuhlwa seNkosi, ukuhlanjwa kweenyawo, ubhaptizo lwamanzi. Yabona? Kukho . . .

26 Uthi, "Ke, i . . ." Ngoku, uMkhosi woSindiso uyithabatha kwingongoma, "Isela elalisifa, xa lalisifa lalingekabhaptizwa, uYesu wathi liyakuba seZulwini." Yinyaniso kanye leyo. Ichanekile. Kodwa, uyabona, la—la—lalisand'ukumqonda uYesu khona apho ngaloo yure lalisifa ngayo. Yabona? Yayikukuphela—yayikukuphela kwethuba elalinalo. Ya—yayilisela, lalikude, lalingaphandle. Lona ke, lakukubona nje okwaa Kukhanya, laKuqonda, "Nkosi, ndikhumbule!" Waze uYesu . . . Yinyaniso leyo.

27 Kodwa kuwe nam sisazi ukuba sifanele ukuba sibhaptizwe, size sikumangale, ngoko ke oko koba phakathi kwakho noThixo. Ikwayiloo nto ke nakumthendeleko!

28 Ngoku, xa sithatha lo mthendeleko, asiyonto yokuthi nje, "Ndizakuza apha ndize ndiyokutya isonka esithile, yaye ndiyakholwa ukuba ndinguMkristu." Kodwa, ukuba uqaphele, iBhayibhile yathi, "Lowo udlayo uselayo *ngokungafanelekileyo* uyakuba netyala leGazi noMzimba weNkosi." Yabona? Kufuneka uphile ubomi o—o . . . phambi kwabantu, obu . . . naphambi koThixo nabantu, obubonisa ukuba u—unyanisekile.

29 Ngoku, ukulibazisa nje umzuzwana. Ngoku, kwiTestamente eNdala xa kwakusenziwa idini u—ummiselo okanye umthetho. Lunjalo nobhaptizo lwamanzi ngummiselo; kunjalo nokuhlanjwa kweenyawo ngummiselo; sinjalo nesidlo sangokuhlwa seNkosi ukuba ngummiselo. "Unoyolo lowo uyenzayo yonke imimiselo yaKhe, awagcine onke amasiko aKhe, ayigcine yonke imithetho yaKhe, ukuze abe nelungelo lokungena kuwo uMthi woBomi."

30 Ngoku, qaphela koku ngoku, kokuya kuqala, ngokuyaa kuqala yayingummiselo kaThixo ukuzisa idini ebandleni, nasetempileni nasesibingelelweni, unikele isipho sakho, na—

nangenxa yezono zakho, idini lemvana. Ngoku, ndinomfanekiso nje ndibona umzalwna othile woJuda esihla ngendlela, esazi ukuba unetyala, aye esibingelelweni, okanye eze nenkomo yakhe etyebileyo okanye inkabi, okanye nantoni na awayenayo, okanye inkunzi yegusha, imvana, nto ithile. Wehla nayo ngendlela enyaniseke kangangoko enokuza, unyuke apho, egcine ummiselo kaThixo enyaniseke kangangoko enokuba nako.

31 Aze abeke izandla zakhe phezu kwayo, evuma izono zakhe, aze umbingeleli ebeke oko (izono zakhe) phezu kwemvana, uze umqala wemvana unqunyulwe, i—imfele ke ngoko. Njengokuba ilele apho, loo mvana incinci ikhabalaza isopha nokopha, izandla zakhe zizele ligazi, litsaza phezu kwakhe wonke, (loo mvana ikhala, isifa), wayenokuqonda ukuba ebonile kwaze kwakho into ekufuneka ife endaweni yakhe. Ngoko, wayenikela ngokufa kwale mvana ifela ukufa kwakhe. Yabona, imvana yafa endaweni yakhe. Ngoko le ndoda yenze ngokunyaniseka, ngobunzulu bentliziyo yayo.

32 Ekugqibeleni yaphindaphinda ke kwakhona, yaphindaphinda iqhubeka de ekugqibeleni yaba sisithethe. Umyalelo kaThixo waba sisithethe ebantwini. Nako ke kwakhona esihla, "Ke, masibone *koku noku* namhlnje, mhlawumbi kungcono ndihle. Ewe, kungcono ndinikele i—inkabi." Wehla, "Ke, Nkosi, nantsi inkabi yam." Yabona, akukho kunyaniseka kuloo nto, akukho kuqonda kuyo.

33 Ngoku, asifuni kuwuthatha ngolohlobo umthendeleko. Ikwayiloo nto naxa siza kwisithebe seNkosi.

34 u-Isaya 35. . .hayi, uxolo, u-Isaya 60. . .Mandiyirhoxise le nto. Ndi—ndi—ndi—yakholwa ukuba ngu-Isaya 28, sikufumana khona oku. Ndiqiniseke mpela ukuba sisahluko esichanekileyo eso. Wathi, "Ummiselo kufuneka ube phezu kommiselo; nomgca phezu komgca naphezu komgca; intwana apha, intwana phaya. Bambelela koko kulungileyo. Ndiyakuthetha ngemilebe ethintithayo nangalwimi zimbi kwaba bantu. Oku ke kuKuphumla."

35 Wathi, "Zonke izithebe zeNkosi zizaliswe ngumhlanzo. Ngubani na eNdiyakumfundisa iMfundiso? Ngubani na eNdinokumenza aqonde?" Yabona? Ndiyacinga ukuba ibisiSibhalo esisiso esiya, u-Isaya 28. "Ngubani na eNdiyakumenza ayiqonde iMfundiso?" Yabona, "izithebe."

36 Ngoku, sifumanisa ukuba namhlnje le nto inkulu silungiselela ukuyenza namhlanje, ekukhumbuleni ukufa kwaKhe noMzimba waKhe esikholelwa ukuba siwudla mihla yonke, okanye, sigqiba kuwudla njengokuba umzalwana egqiba kusishumayeza. Ukudla iLizwi likaThixo, siLikholelwa ngentliziyo yethu yonke. SiLibona libonakalalisiwe; siLibona silinikiwe; siLibona lingqinelwe; siyaLiva ebomini bethu.

Kufuneka ke size ngobunzulu besazela sento esiyenzayo, hayi ngenxa nje yokuba ngumthetho.

37 Yiya ecaweni, ngamaxesha amaninzi banika iqebengwana elidala elinegwele okanye uhlotyana lwe—lwento ethile, baliqhekeze, nesonkana esilula okanye—okanye into ethile, baze—baze bayiqhekeze; kuze abantu abatshayayo, besela, yonke enye into, ngenxa yokuba bengamalungu ecawe beze badle isidlo sangokuhlwa seNkosi. Ngoko, kukungcola oko phambi koThixo.

38 Nedini ke, wathi, "Imihla yenu engcwele nedini lenu lisuke lalivumba elibi empumlweni Yam." Kodwa nguYe owamisela ukuba benze eloo dini. Kodwa indlela ababeliqhuba ngayo, lasuka laba livumba elibi, lanuka empumlweni yaKhe (emathatheni aKhe), Kwa eloo dini Wayelimisele.

39 Yile ndlela silithatha ngayo iLizwi likaThixo, aMakristu amaninzi namhlanje (abizwa njalo) enza loo nto. Siyaphakama apha sifundise eli Lizwi, sithi, "UYesu Kristu asinguye izolo, namhlanje, nangonaphakade," sifundise izinto awathi Uyakuzihlonipha, sithi, "Owu, ke, yayizezenye into," olu nqulo lwethu loBusodom selilivumba elibi empumlweni yaKhe. Akanakulwamkela, nakanjani na. Kungeso sizathu, ngenxa yemikhwa yethu yesithethe!

40 Awusidli ngasithethe isidlo seNkosi. Usidla ngokuba luthando lukaThixo entliziyweni yakho, ugcina imithetho kaThixo. Yabona, yiloo nto osidlela yona.

41 Ngoko ukuba awusidli ngakunyaniseka, sisithethe nje, "Ke, icawe yethu iqhuba umthendeleko kanye qho ngeCawe, mhlawumbi kanye ngenyanga, nokuba kukabini ngonyaka," unyuke ke, uthi, "Ngoko, lithuba lam," u—udle umthendeleko, ngoba, uyinto enukayo kuThixo! Yabona, sisithethe nje loo nto.

42 Njengayo nayiphi na enye into, ku—kufuneka unyaniseke. UThixo ufuna iinzulu zentliziyo yakho. Uze ukhumbule, ikwangulaa Thixo wakuzisa apha emhlabeni nguYe lo umkhonzayo. Yabona?

43 Ukwenza oko ngokuba Etshilo, ngokuba ingumthetho waKhe. Ngoko sifuna ukuza sinobunzulu bokunyaniseka, sisazi ukuba kungobabalo lukaThixo esithe sasindiswa. Sibe si—siyaMthanda siyabuva ubukho baKhe, sibe si—siBubona buguqula ubomi bethu. Konke—konke okwethu kuguqulwe. Si—si—singabanye abantu. Asiphili ngendlela esasikade sisenza ngayo, asicingi ngendlela esasicinga ngayo.

44 Njengase Ncwadini apha, nakwindawo ebesithetha nge—ngeNcwadi ezimbini eziyiNcwadi enye, iNcwadi yoBomi. INcwadi yokuqala yobomi eyathi yabakho, kwakungexesha lokuzalwa kwakho, yayikukuzalwa kwakho kwasenyameni. Yabona? Kodwa ngaxesha lithile, phaya kudala mandulo, kwakukho ukhozwana loBomi njengokuba bendicacisela

abanye oodade abaselula phaya endlwini kule njikalanga. Yabona, kukho ukhozwana loBomi oluphaya onokumangaliswa, "Lwaluvela phi? Yintoni—yintoni ezi zinto zingaqhelekanga?"

45 Bendithetha le nto, ndiyizisa kum, njengokuba ubunokuthi, "William Branham, ke, kwiminyaka engamashumi amane edlulileyo, lo William Branham, lo isenguye ngokuhlwa nje." Umntu usenokuthi phaya kudala, ". . . ? . . . wayeyindlavini embi." Yabona? Ngoba ndazalwa nguCharles no-Ella Branham. Kwimveli yabo ndandingumoni, ndeza ehlabathini, ndilixoki, nayo yonke imikhwa yehlabathi ilele kanye kum. Kodwa kwaphakathi apho, kwakhona, kwakukho enye iMveli ekhoyo, yabona, eyanyulwa kwangaphambili, yayifakwe nguThixo. Kwakuloo mzimba mnye, yabona, kukho iimveli ezimbini.

46 Ngoko, ndakhathalela yanye. Njengokuba ikhula, ndandilungile ndiselusana, "Tata." Into yokuqala uyazi, ndaba lixoki, ndaba yinto yonke engumoni, kuba ndandikhuliswe ngaloo ndlela. Kodwa ezantsi phaya kwakukho ichaphaza loBomi lonke ixesha.

47 Ndandikhe ndikhumbule, ndiseyinkwenkwana . . . (ndiyathemba andinibambezeli kakhulu. Kodwa ndisazi . . .) Ndihleli phaya phandle . . . phezu—phezu konxweme lomfula, ndandihlala apho ndiphunguze ebusuku. Ubawo nomha, bemka baya ekuphumleni kwabo ngoku. Ngaloo mihla babe ngaboni, kwakungekho Bukristu kwaphela kumakhaya ethu. Yaye, owu, hyu, kuselwa, iyimigidi, kuqhutyekwa; yayindikruqula kanjani, ndandiye ndithathe i—isibane sam nenja yam ndiyokutshona ematyholweni, ndiyokuhlala ubusuku bonke. Ngexesha lasebusika ndandiye ndizingele ude uphele umgidi, mhlawumbi sekusile ngengomso. Ndizokutsho ekhaya, ube ungekaphumi, ndibe ndingqengqa phezu kweshedi ndilale, ndilinde ukuba kuthi qheke ukusa.

48 Ndandiye ndicinge ukuba mangaphi na amatyeli, endandiphaya endle ngexesha lasehlotyeni, ndithathe izinti zam ndigxumeke phantsi ikhuselwana lomoya, ukuze ukuba yayisina imvula; ndingqengqe apho ezo zibonda zingene emanzini, ndilobe; inja yam emnyama endala ingqengqe apho. Ukuze ndithi, "Jonga nje apha. Uyazi, kobu busika budlulileyo ndandinkampe apha kanye ngobunye ubusuku, ndandibase umlilo kanye kule ndawo xa ndandilinde inja yam endala emthini, ndandibase umlilo apha. Lalikhithika iminwe emihlanu yonke ubunzulu emhlabeni. Kodwa, ntyatyambana, ubuvela phi? Kuphi—kuphi—kuphi apho uvela khona? Ngubani ophume weza apha wakutyala? Yiyiphi kananjalo indlu efudumeleyo abakukhuphe kuyo? Mhlawumbi—mhlawumbi kwenzeke ntoni, uvele phi?" Yabona? Laa ntyatyambana, ndandisithi, "Kutheni, belikhithika, yonke into, ndabasa umlilo phezu kwale ndawo. Phezu kwamandla engqele, bekukho namandla obushushu

phaya kwisikhuni esidala ndasitshisa apho. Kodwa naku uvela apha, usempilweni. Uvele phi?"

49 Yayiyintoni? Kwakukho omnye uWilliam Branham. Yabona? Ichaphaza elincinci loBomi obunguNaphakade phaya ezantsi, elalisuka ku—ku—kumlibo kaThixo, iLizwi likaThixo elalibekwe apho. Umntu ngamnye kuni angazicinga izinto ezikwanjalo. Yabona, Lalisebenza.

50 Ndaze ndajonga phezulu emthini ndacinga, "Gqabi, ndakubona usiwa kulo nyaka uphelileyo, kutheni sowubuyele apho kwakhona nje? Ubuvela phi? Yintoni le ikuzise apha?" Yabona, Yayibobuya Bomi bunguNaphakade busebenza emzimbeni.

51 Ngoku, kwathi ngenye imini ndisahamba njalo, elaa Lizwi lithetha, "Ungaze utshaye, usele, njalonjalo." Aya amadodana sikhula sonke. Yabona, kwakukho iNto eshukumayo.

52 Kodwa kwathi ngequbuliso ndajonga phezulu, ndathi, "Andingonyana kaCharles no-Ella Branham. Kukho Okuthile okubizayo." Njengentshontsho lam lokhozi, "Andiyonkuku. Kukho iNto ethile phaya phezulu, ndaweni ithile. Owu Yehova Omkhulu, nokuba UNgubani na, vula! Ndifuna ukubuyela ekhaya. Kukho Okuthile apha kum, Kuyabiza."

53 Ndaze ndazalwa ngokutsha. Obuyaa Bomi buncinane babulapho, kwagalelwa ubomi bamanzi phezu kwaBo. Baqala ukukhula. Ngoku, obuyaa budala ubomi baxolelwa, babekwa kulwandle lokulibala likaThixo, ukuze bungaze bukhunjulelwe ngabutyala kum kwakhona. Yabona? Ngoku simi singcwalisiwe (njengokungathi asizange sone) eBusweni bukaThixo.

54 Ngoko xa sisiza esithebeni seNkosi, kufuneka size ngentlonipho, uthando nembeko, yo "Khangela nje ngesiphi ukuba bekungekho ngenxa yaKhe." Yabona? Khangela nje ngesiphi . . .

55 Ngoko ke, uPawulosi, ndiyacinga, xa esithi, "Ke kaloku, nakuhlanganisana ukuba nidle, lindanani." Oko kukuthi ngamanye amazwi, linda imizuzu ibe mbalwa, thandaza, uzihlolisise. Ukuze ukuba wazi umzalwana okhoyo apho, ezakwenza into engafanelekanga, okanye into ethile, mthandazele, kananjalo. Yabona? Yabona, "lindanani," linda umzuzu nje, uthandaze. Ukuba kukho ukukhubekisana phakathi kwenu okanye into enjalo, suku—suku ungakhe—ungakhe, yiya kulungisa loo nto kuqala. Yabona? Yiya kulungisa loo nto kuqala, ngokuba bafuna ukuza apha singcwele kangangoko ninokuba nako, zithi iingcinga zethu omnye komnye nakuThixo, nomnye komnye, sithi ke size ebudlelaneni esithebeni seNkosi. Yabona?

56 Ngako oko oku sikwenza ngokuba sinikela imibulelo kuYe, sihlangene sonke. Sidlisana isonka sisonke, sisela iwayini kunye, njengeGazi neNyama yaKhe.

57 "Ngaphandle kokuba niyidle iNyama yoNyana womntu nilisele iGazi laKhe, aninabomi kuni." Yabona? Uyabona, itsho kanye iBhayibhile. Ngaphandle kokuba wenze oko, akukho bomi. Uyabona? Ngoko ke, phantse, ubonisa ukuba unentloni ukuzibandakanya njengoMkristu, ngenxa yendlela ophila ngayo. Ngoko ke ngamanqam okwenene la. Ngoko ukuba akukwenzi oku, awunabomi. Ukuba uyakwenza ngokungafanelekileyo, unetyala lomzimba weNkosi.

58 Yinto enye ke nakubhaptizo lwamanzi. Ukuba sithi, "Siyakholwa kuYesu Kristu, Wasisindisa esonweni, sibe sibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu," logama sizisa—sizisa ihlazo kuYe, sisenza izinto ezingezizo yaye si—siyakuyihlawulela loo nto. Kwakhona enye into, ngoku xa sisenza loo nto sizama ukuvuma enye into ngomlomo senze ntoyimbi.

59 Yinkathazo yethu namhlanje leyo. Into endiyicingayo . . . ndithi *"thina,"* mna, nebandla ethe iNkosi uThixo yenza ukuba ndithethe kulo kwezi yure zokugqibela, ngokuba siyakholwa ukuba siphila kumaxesha okuphela. Siyakholwa ukuba uThixo usinike uMyalezo. Wamiselwa nguThixo, Uqondakaliswe nguThixo, Wabonakalaliswa nguThixo. Ngoku kufuneka size kuYe sinentlonipho nangothando, nango—nangobunyulu bentliziyo nengqondo nomphefumlo.

60 Uyazi, izakuvela kungekudala iyure ekuyakuthi - xa kanye apha phakathi kwethu ayakuthi . . . uMoya Oyingcwele athethe njengokuba Wathethayo kuHananiya noSafira. Yabona, loo yure iyafika. Yabona? Kwaye si . . . Ngoku, ukhumbule oku, yabona, UThixo uzakuhlala phakathi kwabantu baKhe. Yile nto kanye afuna ukuyenza ngoku.

61 Besinokuwamkela uMyalezo njengokuthi . . . Ukuba bendisengumfana ndi—ndisazingela inkosikazi, ndibe nokufumana inkosikazi, ndithi, "Ilunge kanye. InguMkristu. Ilinenekazi. Iyiyo yonke into, ndiyithembile." Akukhathaliseki nokuba uyithembe kangakanani na, nokuba ilunge kangakanani na, kufuneka ndiyamkele, kufuneka indamkele; yabona, phantsi kwezi zifungo.

62 Ngoko, ikwayile nto siwufumana uyiyo uMyalezo. Siyawubona ukuba Ulungile. Sibona uThixo ewungqinela ukuba yiNyaniso. Uyinyaniso ngokupheleleyo. Unyaka nonyaka, unyaka nonyaka, uqhubeka kakuhle, uqhubeka kakuhle. Yonke into Oyithethayo, yenzeka kanye ngendlela Athe iyakuba yiyo. Ngoku, siyazi ukuba Uyinyaniso, kodwa, yabona, ungakhe uyenze ngobungcali bengqondo. Yabona? Ukuba wenza njalo, unonqulo olulisekeni, into ethile ekungomnye umntu onamava ayo ukuze siphile u—bungqina bakhe.

63 Njengokuba ndikholwa ukuba yayinguYesu owathi kuPilato, into ethile, igama ebendilicinga, Uthe phaya kwimizuzwana nje edlulileyo, "Wayixelelwa ngubani loo nto?" Okanye,

"Wawuyityhilelwe? Uzazi njani ezi zinto?" ngamanye amazwi. Andilikhumbuli nje ukuba ligama elithini na elo ngoku, kudala ndilifundile, kodwa, "Wenza njani—njani ukuba uyiqaphele into . . . Indlela . . . Uyityhilelwe ngubani le nto?" Ibithetha ngaYe ukuba UnguNyana kaThixo. "Ngubani okutyhilele le nto? Kukho mntu uthile ukuxelele yona? Okanye," njengokuba uYesu wathi, "ingaba nguBawo OseZulwini okutyhilileyo oku kuwe?" Yabona? Yabona? "Wayifunda njani, lisekeni na okanye sisityhilelo esiyinene esivela kuThixo?"

64 Ingaba lo mthendeleko uyinto nje endiyakuya kuyo, umthetho, ndithi, "Kanti, bonke bayawudla, nam ndizakwenza njalo"? Sisithyilelo ukuba ndiyinxenye yaKhe ndibe ndiyinxenye yenu, ndiyanithanda naye ndiyaMthanda, sibe sikuthatha kunye oku njengomzekelo wothando lwethu kuThixo, nothando lwethu nobudlelane omnye komnye.

65 Ngoku ndifuna ukukhe ndifunde apha eSibhalweni. Emva koko ndiyaqikelela . . . Kuphi apho . . . nokuba kukweliphi na icala uMzalwana uPearry anqwenela kulo namhlanje. Ndinga singayifunda kunye, ukuba niziphethe iiBhayibhile zenu. 1 KwabaseKorinte, i—isahluko se-11 siqale ngomqolo wama-23.

66 Kwakhona ke ngoku, kulaa Tabanekile yethu, siyayenza rhoqo le nto, sasoloko siyiqhuba kunye nokuhlanjwa kweenyawo, qho, ngokuba zihamba kunye zombini. Ndiyakholwa ukuba umzalwana uyazisile "ngokuhlwa ngoLwesithathu" ngenxa yezihlwele aninako ngokwaneleyo u . . . aninagumbi laneleyo lokungenisa abantu ukuze kuhlanjwe iinyawo, bayakukwenza—bayakukwenza ngoLwesithathu ngokuhlwa.

67 Ngoku, ivesi yama-23 yesahluko se-11 sama 1 KwabaseKorinte, phulaphula uPawulosi ngoku. Ngoku khumbula, ugcine oku engqondweni, kuMagalati 1:8, "Ukuba sisuka thina aba nokuba yingelosi evela ezulwini ishumayele ndaba zilungileyo zizimbi kuni," (ingezizo eziNdaba Zilungileyo wazishumayelayo) "mayiqalekiswe." Yabona?

> *Kuba mna ndakwamkela kuyo iNkosi oko ndikunikelayo nokukunikela kuni: Okokuba iNkosi uYesu, ngobusuku eyanikelwa ngabo, yathabatha isonka;*
>
> *Yaza yakuba ibulele, yasiqhekeza . . . yathi, Thabathani, nidle, ngumzimba wam lo, owaphulelwa nina: oku kwenzeleni ukundikhumbula.*

68 Ngoku, makhe ndipheze kanye apha, niyabona. Kodwa ukudla umzimba weNkosi uYesu Kristu kulo mthendeleko akuthethi ukuthi laa mthendeleko ngumzimba kaKristu *buqu*. BubuKatolika [ubuRoma—Mguq.] obo. Andikholwa ukuba yinto elungileyo leyo. Ndikholelwa ukuba ngummiselo nje awawenzayo kuthi uThixo, yabona, asingomzimba buqu.

Kuku . . . Ngoku, liqhekezana elincinci lesonka esingeyonqambi. Ngummiselo nje.

69 Andikholelwa kananjalo ukuba ubhaptizo lukaYesu Kristu (eGameni likaYesu Kristu) emanzini luyazixolela izono zakho. Andikholelwa ukuba u . . . Ndiyakholwa ukuba ungabhaptizwa imini yonke . . . Ngoku, ndiyazi ukuba mhlawumbi kukho abantu abahleli apha abavela kwinkonzo yabaPostile, ndithetha, IBandla Elimanyeneyo lakwaMoya, abayifundisayo loo nto. Kodwa, uyabona, Ndi—ndi andikholelwa ukuba amanzi ayazixolela izono. Okanye, ukuba kunjalo, ngoko ngaba uYesu wafela ilize. Yabona? Ndikholelwa ekubeni lungummiselo kaThixo kuphela, yabona, ukubonisa ukuba sowuxolelwe. Kodwa kona ukubhaptizela uzalo olutsha, hayi bo, a—a—andiyikholewa loo nto. Andikholelwa ukuba amanzi axolela izono.

70 Kananjalo andikholelwa ukuba esi sonka nale wayini sinanto yakwenza nani, kukugcina nje umthetho kaThixo Asimisele wona ukuze siwenze. Yabona? Kunjalo kanye. Ndikholelwa ukuba ubhaptizo lwamanzi lukwayiloo nto. Ndiyakholelwa ukuba kuyanyanzeleka ukuba silwenze, kuba Wakwenza konke ukuba ibe ngumzekelo kuthi. Noku Wakwenza ukuba kube ngumzekelo kuthi. Wazihlamba iinyawo esenzela thina umzekelo.

71 Ngoku "Kwangokunjalo," umqolo wama-25:

> *Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe, emva kokuba kudliwe, isithi, le ndebe ingumnqophiso omtsha oseGazini lam: Ngamaxesha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukundikhumbula.*
>
> *Kuba ngamaxesha onke . . .* (Khumbula ngoku!) *kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla eso sonka, niyisela loo ndebe, niyakwazisa ukufa kweNkosi, ide ifike.* (Ixesha elingakanani? "Ade Afike!" Yabona? Yabona?)
>
> *Ngoko ke, osukuba esidla eso sonka ayisele indebe yeNkosi ngokungafanelekileyo, woba netyala lomzimba negazi leNkosi.*

72 Makhe ndipheze umzuzu nje. Izizathu zokuba akuthethe oku, uzuqaphele enye ivesi apha, esinye isahluko, ukuba uthe, "Ndiyaqonda ukuba na—nakuhlangana niyadla, ninxile nokunxila esithebeni seNkosi." Bayiphazama ukuyiqonda, uyabona, babebimbiliza nje, yabona. Kanye njengokuba abantu besenza namhlanje, baphile nayiphi na intlobo yobomi basidle. Yabona? Wathi kwakho, "Ninawo amakhaya eninokutya kuwo, yabona. Kodwa, lo ngummiselo ekufuneka siwugcine, yabona." Ngoku:

> *Makazicikide ke ngokwakhe umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka eso, asele kwindebe leyo.*

Kuba lowo udlayo uselayo ngokungafanelekileyo, uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli nje umzimba weNkosi. (Yabona?)

73 Uyintoni ke wena? UnguMkristu, uphila emehlweni omntu wonke njengoMkristu. Yaye ukuba uyawudla ungaphili njengoMkristu, akuwucaluli umzimba weNkosi. Ubeka isikhubekiso endleleni yomnye umntu, yabona, njengokuba bekubona ukuba uzama ukwenza oko uze ungaphili ngendlela obumelwe kukuphila ngayo. Yabona, akuwucaluli umzimba weNkosi. Ngoku khangela ukuba yintoni . . . ukuba yintoni na isiqalekiso soko:

Ngenxa yoku baninzi phakathi kwenu abaswele amandla, nabayimilwelwe, banele nabalele ukufa. (Eyona nguqulelo iyiyo yelaa gama, Mzalwan'uPearry, ku "kufa." Yabona? Yabona, "baninzi abafileyo.")

Kuba xa besi—ukuba bezicalula, ngesiba asigwetywa, (Yabona, ukuba siyazigweba asiyi kugwetywa. Yabona?)

Sigwetywa nje ke, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singasingelwa phantsi ndawonye nehlabathi. (Yabona, akukho kunxulumana nehlabathi)

Ngoko ke, bazalwana bam, xa nihlangene ndawonye ukuba nidle, lindanani. (Yabona?)

Ukuba ke, ubani ulambile, makadle ekhaya, ukuze ningahlanganeli ukugwetywa. Eziseleyo ke iindawo ndozilungisa xa ndithe ndafika. (Yabona?)

74 Ngoku, ngamanye amazwi, musani ukuza kusidla ngathi . . . Ngokungathi kunjengokuba bendisand'ukutsho emzuzwini odlulileyo, ngento aMajuda, amadini awo, aye . . . Ayemangalisa, bewanikwe nguThixo, kodwa kwakufika ekubeni bangabi sawenza ngokunyaniseka nangembeko nangokundileka, aze ngoko aba li . . . aba li—livumba elibi empumlweni yaKhe.

75 Ngoku, ikwayinto enye malunga nokuza ekudleni isidlo sangokuhlwa seNkosi, ukuba, size siyazi into esiyenzayo. Kanye njengaxa ungena emanzini ukuze ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, uyayazi into oyenzayo, wambatha ngaphezulu ebandleni oko uThixo akufake kuwe ngaphakathi, uKristu.

76 Xa sisilda oku, kukubonisa ebandleni ukuba "Ndiyakholwa lilo lonke iLizwi likaThixo. Ndiyakholwa ukuba UsiSonka soBomi esivela kuThixo eZulwini. Ndiyakholwa ukuba lonke iLizwi Alithethileyo liyiNyaniso. Kananjalo ndiphila ngaLo kangangoko ndinokwazi, uThixo enguMgwebi wam. Ngoko ke, phambi kwabazalwana bam, phambi koodade wethu . . . a—andithuki, andiqalekisi, andizenzi ezi zinto, ngokuba ndiyithanda iNkosi, ibe iNkosi iyakwazi oko indingqinela nokundingqinela. Ngoko ke, phambi kwenu, ndiyawuthabatha

lo mqulwana womzimba waYo, ukuze ndazi ukuba andigwetywa kunye nehlabathi.” Yabona, nantso ke, iba yintsikelelo ke ngoko.

77 Kwakhona, khumbula, bendinokwenza ubungqina obuninzi ngale nto, apho ndakha ndayithabatha ndayicacisa kwigumbi lesigulana, ndazibona ziphiliswa.

78 Khumbulani, ngexa uSirayeli wadla umfuziselo woku, bahamba iminyaka engamashumi amane entlango zaze iingubo zabo azaguga baza baphumela kungekho namnye ubuthathaka namnye—namnye phakathi kwabo, abantu abazizigidi ezibini ngokomfuziselo woku. Ngoko, uyakwenza ntoni uMfuziselo uqobo? Ukuba umzimba wesilwanyana sedini wabenzela oko, umzimba kaYesu Kristu, u-Imanuweli, uyakusenzela ntoni? Masibe nentlonipho nje xa sisiza. Masibe nentlonipho nje kangangoko saziyo, ukuza.

UMTHENDELEKO XHO65-1212
(Communion)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngorhatya ngeCawe, umhla we-12 kuDisemba, ngowe-1965, kuMnquba waseTucson, eTucson, e-Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©1992 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org